Ibandla Elikhohlisiweyo, Lihlabathi

UYesu Kristu, uNyana waKhe, wasipha izinto zonke ngesisa kuKristu. Sinombulelo kuWe, Nkosi, ngamalungelo esiwaphiwa ngeloo Dini likhulu libalulekileyo wanikela ngalo uYesu ngenxa yethu eKalvari, ngoku lasixolelanisa kwakhona kubudlelane nasekuthandweni nguWe, ukuze sibe nalentuthuzelo yokwazi ukuba kubhaliwe, “Ukuba nithe nahlala kuM, naMazwi aM ahlala kuni, niyakucela enisukuba nikuthanda nikwenzelwe.” Ngoku, sinombulelo ngenxa yoku, saye sithandaza ukuba Usiphe ukholo lokuba sikukholelwe ngako konke okukuthi.

2 Ngoku masibekele bucala, Nkosi, konke ukubulaleka kwemini, lonke ixhala lobu bomi, konke ukusukela kumgcini sango ukuya kumlungiseleli, ukuze kungabikho nto konke ezingqondweni zethu, ibe kukulinda, siphulaphule ngentlonelo kuMoya oyiNgcwele ukuba athethe nathi, ukuze sibe nokuphumeza into elungileyo, ukuze siKwazi ngokuthe chatha, ngokuhlanganisana kwethu ndawonye. Kuba, Nkosi, ngenene yiloo nto esizele yona ngalo mhla ushushu. Thetha nathi ngeLizwi laKho eliphilileyo, wenze nokuba iLizwi laKho eliphilileyo lihlale kuthi lihlale nangaphakathi kwethu, ukuze siqingqeke sibumbeke, hayi ngokwasehlabathini, kodwa sitshintsheke ngokuhlaziyeka komoya wethu, sibe kubume boNyana kaThixo. Owu, iintliziyo zethu ziyagungqa sakucinga, novuyo luyaphuphuma emiphefumlweni yethu, ngokwazi nje ukuba singabizwa ngokuthi singoonyana neentombi zikaThixo. Sime kanye phezu kwedini lokuZa kwaKhe kweSibini, yaye zonke izizwe nezikumkani zingcangcazela phantsi kweenyawo zethu, zonke izinto zehlabathi ziyanyamalala, kodwa siyazi ukuba ngenye imini Uyakuza asithabathele kuBukumkani obuthile apho kungasayi kubakho siphelo, okanye obungasayi kuzanyazanyiswa. Kwaye ukucinga nje ukuba khona ngoku si—singamalungu obo Bukumkani! Owu Thixo, yalusa iintliziyo zethu neendlebe namhlanje, ngo—ngoMoya oyiNgcwele, ngokuhlamba kwamanzi eLizwi. Kuba oku sikucela ngeGama laKhe sikucelela uzuko lwaKhe. Amen.

3 Ndifuna ukusondela kwingongoma kusasanje. Kuba, bendizakuthetha ngento eyahlukileyo kancinci ukuba bekuzakubakho inkonzo yempiliso, kodwa sivakalise ukuba amakhadi okuthandazelwa ayakukhutshwa ngentsimbi

yesibhozo, kude kube licala leyesibhozo okanye ngentsimbi yethoba entloko. Kwaye ndiza . . . UBilly ufike phaya endlwini kwimizuzu embalwa edlulileyo wathi bekungekabikho mntu noko apha, waze ke akabi nakukhupha makhadi omthandazo. Ngoko si . . . ndicinge ngokuthatha le ngongoma, ukuze ibe sisilungiso sebandla. Kwaye ndifuna ukuthetha ngengongoma ye: *Bandla Elikholisiweyo, Lihlabathi*. ndifuna ukufunda indawo phaya kwiNcwadi yaBagwebi, isahluko se-16, siqale ngomqolo we-10.

Wathi uDelila kuSamson, Yabona udlale ngam; wandixokisa; khawundixelele kaloku ukuba ungakhonkxwa ngantoni na?

Wathi kuye, Ukuba bathe ukundikhonkxa bandikhonkxa ngeentsontelo ezintsha, ekungasetyenzwanga msebenzi ngazo, ndothi fehle, ndibe njengomnye umntu.

UDelila wathabatha iintsontelo ezintsha, wamkhonkxa ngazo, wathi kuye, AmaFilisti aphezu kwakho, Samson. Ke abalaleli babehleli egumbini. Wazijaca emikhonweni yakhe njengemisonto.

Wathi uDelila kuSamson, Udlale ngam unangoku, undixokisa; ndixelele, ungakhonkxwa ngantoni na? Wathi kuye, Ukuba uthe waluka . . . izihlwithi ezisixhenxe zentloko ngemisonto yokuluka.

Waziqinisa, ngezikhonkwane, wathi kuye, AmaFilisti aphezu kwakho, Samson. Wavuka ebuthongweni bakhe, wasincothula isithsaba sokuluka kwanemisonto yaso.

Wathi kuye, Ungathini na ukuthi uyandithanda, ukanti intliziyo yakho ayinam? Undikhohlisile ezi zihlandlo zozithathu, akwa . . . ndixelela ukuba asenini na lamandla akho angaka.

Kwathi akumxina ngamazwi akhe zonke iimini, emmele, wakhathazeka umphefumlo wakhe, wasingisa ekufeni;

Wamxelela intliziyo yakhe yonke, wathi kuye, Isitshetshe sokucheba asizanga sisondele entlokweni yam; ngokuba ndingumahlulwa kaThixo kwasesizalweni sikama. Ukuba ndithe ndachetywa, osuka kum amandla am, ndithi fehle, ndibe njengabantu bonke.

Wabona uDelila ukuba umxelele yonke intliziyo yakhe, wathumela wabiza . . . izikhulu zamaFilisti, esithi, Nyukani esi sihlandlo, ngokuba undixelele yonke intliziyo yakhe. Zenyuka zaya kuye izikhulu zamaFilisti, zafuna imali khona, okanye zinemali esandleni sazo.

Wamlalisa emathangeni akhe, wabiza umntu, wazicheba izihlwitha zosixhenxe zentloko yakhe wa . . . waqala ke ukumqoba; emka ke amandla kuye.

Wathi, AmaFilisti aphezu kwakho, Samson. Wavuka ebuthongweni, wathi, Ndiya kuphuma esi sihlandlo njengezinye izihlandlo, ndizivuthulule. Wayengazi yena, ukuba UYEHOVA umkile kuye.

4 Ngoku ndinqwenela ukufunda, ukwenza isicatshulwa sale ngongoma, efumaneka ngaphaya kwiNcwadi yeSityhilelo, isahluko se-2, ukuqalela kumgca wama-21 nomgca wama-23.

Ndamnika ixesha lokuba aguquke kuwo umbulo wakhe, akaguquka.

Yabona, mna ndiya kumphosa elukhukweni, nabo bakrexeza kunye naYe, embandezelweni enkulu, ukuba abathanga baguquke emisebenzini yabo;

Nabantwana bakhe ndibabulale ngokufa, azi onke amabandla ukuba mna ndingulowo uphengulula izintso neentliziyo, ndininike elowo ngokwemisebenzi yenu.

Yanga iNkosi ingongeza iintsikelelo yaYo ekufundweni kweLizwi laYo.

5 USamson, ngokufana kakhulu nebandla, waqalisa kakuhle. Waqalisa ngokubhekisa kwicala elililo. Waqalisa ke, wayebizwa ke ngokuba uyindoda enamandla ekhaliphileyo. Ekha . . . waqala ngokukhonza iNkosi, ekugcineni aMazwi aYo nasekwenzeni iMiyalelo yaYo. Loo nto ke yayibufana nebandla. Laqalisa ngo, njengokuba besinokutsho, ngokwentetho yasehlabathini, laqalisa ngonyawo lwasekunene. Waqalisa ukugcina iMiyalelo yeNkosi. Kwaye okoko nje uSamson wayelandela iNkosi, iNkosi yamsebenzisa uSamson.

6 Kuba, uThixo uyamgcina amsebenzise nabani na oyakuthi alandelane naYe, kuba oko kungumsebenzi kaThixo. Kodwa ukuba sithi sijikele ecaleni, simka kwizinto zikaThixo, ngoko uThixo akanakuba nakusisebenzisa kwakhona. Xa siyakuthi silandele ngokuthe nkqi iMiyalelo kaThixo, xa siyakuthi sihlale sikumaphepha eBhayibhile sinqule ngeLizwi elibhaliweyo, siMnqule ngoMoya nangeNyaniso yeLizwi, ngoko uThixo unokumsebenzisa nawuphi na omnye umntu. Kodwa sakuthabatha imbono yokuguqukela ecaleni kwenye into, uThixo akanakuba samsebenzisa loo mntu kwakhona.

7 Ngoko, uSamson u—umele ibandla lanamhlanje ngendlela eyodwa. Ekuqaleni kwebandla, uThixo wayelisebenzisa ibandla, ngokuba ibandla lalihamba ngokukhuthala lilandela iMiyalelo yeNkosi, lizigcina zonke izigwebo zaYo nemimiselo

yaYo, liyenza yonke iMiyalelo yaYo. UThixo ke wayenalo ibandla. Kodwa kukhangeleka ngathi kukho indawo etyhafisa ngeyona ndlela phakathi kwebandla.

8 Khumbula, asikho kutyelelo lwasendle, koko sikwithafa ledabi. Abantu abaninzi bacinga ukuba bakuba ngaMakristu yiloo nto kuphela abamelwe kukuyenza, kube ke kuphelile kube kudala, njengokuba bengaMakristu nje yonke into iyakuza lula. Ungakhe uyifake entlokweni yakho loo nto. Kuba, ndaba nguMkristu, khon'ukuze ndilwe, ndilwe idabi elihle lokholo. Ndaba nguMkristu ukuze ndingene kwizintlu zedabi. Singamajoni oBukristu, kwaye sifanele ukuba siqeqeshwe sikhuliswe sibazi bonke ubuchwepheshe botshaba, ukuze sazi indlela yokuzinqabisa, ukuze sikwazi u—ukulwa idabi. Kwaye oko singakwenza kuphela njengokuba uMoya oyiNgcwele eyityhila kuthi. Asinakuthatha into esiyixelelwa sesinye isizwe esithile xa sisiya emfazweni, ezinye zeembono zabo. Koko simelwe kukuthatha iimbono ezizezethu, indlela uMoya oyiNgcwele ayakusikhokela ngayo, ngokuba ziyintoni na iimbono Ayakusinika zona, ngokuba nguYe uMphathi-mkhosi oyiNtloko womkhosi wamaKristu.

9 USamson wenza okuhle, waba yindoda ebalulekileyo de, waqalisa ukuba bu(njengokuba sinokuyibiza) ukutshiniza esithubeni, wade waphuma ecaleni esuka kumhlaba ongowakhe. Nebandla ke lalibaleka kakuhle bade baqalisa ukuphuma kumhlaba wabo. USamson waqalisa ukuba ngumncokolisi. Kwaye wayengancokolisani nantombi zamaSirayeli, waqalisa ukuncokolisana neentombi zamaFilisti.

10 Oko ke kubufana nento eyenziwa libandla. Alizange liqalise ukuthandana nabalo, lasuka laphuma ecaleni lilandelana nabangakholwayo laza laqalisa ukuncokolisana nabangakholwayo. Nako apho senza khona enye yezethu ezinkulu, iimpazamo ezinkulu, kuxa ibandla laqalisayo ukwenza izinto ezazingalunganga. Laqala ukuba, njengoSamson, lanabahlobo abangalunganga.

11 USamson, lonke ixesha wayesahamba kunye nabantu beNkosi, waqhubeka kakuhle. Kodwa akufika ekubeni ancokolisane nempi engalunganga, wangena enkathazweni ke ngoko.

12 Yindlela ekuyiyo ke leyo nakwibandla. Ngokuya ibandla lalilandela ngentlonelo, yonke imihla ekukhokeleni koMoya oyiNgcwele, uThixo wabasikelela, kwaye imimangaliso nemiqondiso nezimanga yalilandela ibandla. Kodwa lathi lakuqalisa ukuzibandakanya nabahlobo abangalunganga, nehlabathi! Yenye yezona zinto zimbi lakha lazenza, laqalisa ukugaya lizenza umbutho, lisaphula ubudlelane phakathi kwamanye amakholwa, ngokuba bafumanisa ukuba izizwe zizibumbile. Kodwa leVangeli inkulu ayimiswelanga isizwe

esinye okanye abantu abanye. Imiselwe "lowo uthandayo ukuza makeze," zonke izizwe, imizalwane, iilwimi, nabantu. UThixo akazange anqwenele ukuba sikrwele mida.

13 Kodwa abantu bafuna ukufana, bayafanisa, balinganise omnye, bahambe njengo—ngoko lenzayo ihlabathi, bathethe izinto elizithethayo, benze okuyimpumelelo ngendlela eliphumelele ngayo. Asinakuze sibe nampumelelo sisenza nantoni na eyenziwa lihlabathi. Singanempumelelo kuphela xa silandelana nemimiselo kaThixo nendlela yaKhe yokwenza izinto. Asinakuze siphumelele, ngokufuzisela kwihlabathi. Ukuba iinkampani zemidiza zibe neyona mpumelelo inkulu yazo ngomabonwakude, namaqela otywala newiski ayenze impumelelo yawo enkulu ngenxa yegalelo likamabonwakude, ayilophawu lokuba elo ibandla liyakuba nempumelelo yalo ngomabonwakude. Impumelelo yebandla isekushunyayelweni kweVangeli, yaMandla kaThixo nokubonakalaliswa koMoya. Asinakutsho ukuthi ngenxa yokuba umabonwakude eyenzele oku noku inkampani yomdiza ne—nezinye iinkampani! Asinaso nasinye iSibhalo sokuzama ukuzithelekisa nabo bantu. Kwaye nje ukuba sisayenza loo nto, singatsala amanani amakhulu abantu, kodwa asiyonto ebesimisele ukuba senze yona leyo uThixo. Sicinga ukuba ngenxa yokuba siziikhola sonke, siziphakamisile, sinemibutho emikhulu, sisenza izinto ezinkulu ezigqamileyo ukuba zenzeke, yimpumelelo leyo. Sifa mihla le simi ngeenyawo, xa sithetha ngokomoya! Ukuba besimi silishumi lezigidi ubuninzi kusasanje, ube uMoya oyiNgcwele ungenathi, besinokwenza ngokungaphezulu ngeshumi lobuninzi xa uMoya oyiNgcwele enathi. Asinakuzithelekisa nehlabathi.

14 Enye yezinto zokuqala ke, yayikukuba, ibandla laqala ukuzenza umbutho. Umbutho wokuqala yayilibandla lamaKatolika, kwaza kweza elamaLuthere ibandla. Ngokuya babebuthana kwibandla lamaKatolika besenza umbutho, ngenye imini kwabakho umkhwazo, "AmaFilisti aphezu kwakho, Samson," uSamson ke wayijaca imisonto yembophelelo zecawe yamaKatolika, wavela ke uMartin Luther nombutho.

15 Baza balibopha ibandla ngenye intsontelo, njengokuba wenza uDelila. Baze baqalisa . . . endaweni yokuba namadoda abizwe nguThixo, amadoda awayebizwe nguMoya oyiNgcwele, mhlawumbi engabazi oo-A B C bawo, kodwa ayemazi uKristu. Lasuka ibandla lanezimbo, lenza kanye ngokwezithethi zopolitiko. Kwafuneka banike abashumayeli babo 'izidanga zobugqirha,' wonke umntu kwafuneka ukuba abenguGqirha woBungcwele. Yayingomnye umsonto lowo wokubopha ibandla. Amadoda aphambuka ayakufunda, ziko lemfundo ngalinye lizama ukuvelisa izifundiswa ezingcono, ukuze ibandla labo liqhayise, "Umfundisi wethu unguGqirha

woBungcwele.” Baze, benza ntoni, omnye wazama ukuba nolwazi oluthe chatha kunomnye. Hayi, ayithethi loo nto phambi koThixo.

16 Kwaye akukho mfuneko yakuba nawuphi na umntu athabathe ulwazi lwakhe lwasemhlabeni aze alinge ukukholisa uThixo ngalo. Lulisikizi phambi koThixo! Awunakuze umkholise uThixo ngamabhongo asemhlabeni nolwazi, ngokuba “lububutshaba kuThixo,” sitsho iSibhalo. Akangeke ayenze loo nto.

17 Ngamnye ke uzama ukuba nalo lonke ulwazi. Bayazi kanye ukuba mabathini kunye namazwi amabawathethe, isuke ke ibe yintetho yezopolitiko endaweni yombonakaliso wamandla, uMyalezo kaMoya oyiNgcwele otshonayo entliziyweni yomntu abhaqe isono. Baqeqeshelwe intetho yezopolitiko, kwaye asiyiloo nto esiswele yona. UPawulos wathi, “Ilizwi leza kuthi, kungekuphela . . . okanye, iVangeli, kungengalo iLizwi kuphela, kodwa ngaMandla nokubonakalaliswa koMoya oyiNgcwele.” Nantso into eyazisa iVangeli, ukubonakalalisa amandla kaMoya oyiNgcwele! Kodwa onke la madoda ayaphuma aye kumaziko emfundo aze afunde iimfundo ezinkulu, ukuba beme njani na phambi kwabantu, indlela amabathethe ngayo, indlela amabanxibe ngayo namabenze ngayo, akufuneki basebenzise ubizo-magama oluphosakeleyo. Ngoku, ilungile loo nto kwintetho yezopolitiko, kodwa asilangazeleli mazwi achwayitisayo abantu. UPawulos wathi, “IVangeli endiyishumayelayo ayizange ize kanjalo, kodwa Yeza ngokuhlaziya ko—koMoya oyiNgcwele nokubonakalaliswa kwaMandla.” Ayizi ngokwentetho eyilwe kakuhle, ukuze ubulumko benu, okanye ithemba lenu Lingaba sebulumkweni babantu. Kodwa iza ngokubonakalaliswa kwaMandla kaKristu ovukileyo. Yiyo leyo ke iVangeli, “UkuMazi eseMandleni ovuko lwaKhe.”

18 Mntu ngamnye uzama ukucinga ukuba ulumke ngokuthe kratya kancinci kunomnye umntu, hlelo ngalinye. AmaWisile ayakuthi, “Sineyona ndoda ilumkileyo.” AmaBhaptizi ayakuthi, neBandla likaKristu, nezinye, zizonke, “Thina, singabona balumkileyo. Thina, aba—abantu bethu, asivumeli wonke umntu nje ophantsi ukuba aphume ayokushumayela iVangeli.” Koko babakhomba ngeminwe. (Owu Thixo, yiba nenceba!) Babakhomba ngeminwe; ukuba bazaliswe yimfundiso ethile yabo, baze ke bababeke ebandleni. UThixo akanayo kwandlela yokumchukumisa. Ndifuna ukushunyayezwa ngumntu okhonjwe nguMoya oyiNgcwele, oveliswe nguThixo, onganyulwanga ngabantu okanye amahlelo.

19 Lonke ulwazi! Bathi, “Owu, sazi konke malunga naLo,” kwaye abanye babo abamazi nonobumba wokuqala kaMoya oyiNgcwele. BayaMkhanyela.

20 Oku kundikhumbuza ngencwadana endakha ndayifunda ngenye imini eCalifornia, malunga neminyaka elishumi eyadlulayo. Ndayifumana kwivenkile yeencwadi endala. Ndiyalibala ukuba yayingubani na umbhali. Incwadi nje encinane yeshumi leesenti, kodwa yayinobunyaniso bezinto zengqondo kuyo nangona yayibonakala iyehlekisayo nenobuqhinga. Kodwa ndafumana into apho eyavakala njengoThixo, kum. Elinye ke lamabalana laliqala ngolu hlobo. Ngenye intsasa kwihoko enkulu yeenkuku, kwakukho umqhagana othile owawucinga ukuba wawunalo lonke ulwazi olunokwaziwa. Wabhabha ke ngoko wakhwela phezu kwebhokisi wabetha umlonyana wawo ebhokisini, kane mhlawumbi kahlanu, wayibhekisa ngemva intlokwana yawo wakhonya ngendlela ongazange uwuve ukhonya ngayo umqhagi. Eminye ke, wenza ke ukuba itsho imamele, wathi, "Manene nani manenekazi ale hoko yeenkuku, ndingathanda ukukhe ndithethe nani nonke ngale ntsasa ngenkqubo ethile efundisayo esisandula ukuyiqulunqa." Wathi, "Ndifune ulwazi oluninzi ekufundeni kwam," utsala iindondwana zawo phezu komlomo wawo. Waze wathi, "Ndigqibe kwelokuba thina, zinkuku singaziphuhlisa ngemfundo ethe kratya. Ngoko ke, ndiyanixelela, ukuba siyakumba sisebenze kwihoko ethile okanye umngxuma, siyakufumana isakha-mzimba esithile esiya kusenza ukuba sikhonye ngokungcono, sibe neentsiba ezintle kunoku. Kwaye, owu, ndinganixelela indlela esinokuthi siziphucule ngayo ngendlela ezininzi ezahlukileyo."

21 Izikhukukazana ke zitsho ngaloo mangelo azo mancinci abomvu, zasuka zakokoza zathi, "Akasosithandwa ke?" Zaza zambuka ngenene ke. "Owu, ungumqhagi olumkileyo!" Oku kundikhumbuza abanye baba bashumayeli apha baphuma kumaziko emfundo. "Indoda enengqondo olwahlobo! Akukho mfuneko yakuba sijikeleze apha esithubeni nezinye ezi iinkuku, simelwe kukuba sihambe nayo sonke."

22 Kwalunga, phambi kokuba loo mfo mncinane ayigqibe intetho yakhe, kwakukho enye inkuku eyayingenazintsiba zikhazimla olo hlobo, eyangena ibaleka isuka phakathi kwezinye iinkuku zeyadi yeenkuku, yaze yathi, "Bafana, umzuzu nje! Ndisandula ukuva ezona zintsha iindaba kunomathotholo. Iinkuku zinyuke zaya kwiisenti ezine ngeponti, sonke siya ekuxhelweni ngomso! Luyakuba naluncedo luni ulwazi lwakho?"

23 Mzalwana, lonke ulwazi esinokulufumba, lwenza luncedo luni?" Sizinyawo ezintandathu zothuli! Sonke sifa ngee-intshi nangemizuzu. Ulwazi lwethu aluthethi nto. Sifuna ukwazi Yena. Kodwa bayayenza loo nto.

24 Njengokuba bendithetha kwixesha elidlulileyo ngomlonjana othile, wacinga ukuba wazi lonke ulwazi olu—olumele ukwaziwa, wawusazi kakhulu ke kangangokuba

wawunokuyixelela eminye imilonji ngabantu. Wabhabha ke wema phezu kwendlwana yawo waqalisa ke ukuthetha ngomntu, indlela owawusazi ngayo yonke into ngaye. Kwaze, kwathi ngesiquphe unjingalwazi ovela ePurdue wathi gqi waqalisa ukuthetha amazwi alungiswe kakhulu kuwo, umfo omncinci wesuka waqhwanyazisa amehlo akhe wajika intloko yakhe. Ngoku, wayenawo amehlo, wayekwazi ukuyibona injingalwazi. Wayenazo iindlebe, wayekwazi ukumva. Kodwa, kakade, wayengayazi into awayethetha ngayo. Kuba? Unengqondo yomlonji. Uyingqondo nje yentaka. Yiloo nto kuphela onayo. Awunayo ingqondo yomntu ngoko ke awunakucinga njengabantu.

25 Ngokunjalo akanako umntu ukucinga njengoThixo! Ungumntu, kwaye lonke ulwazi lomhlaba aluyonto ingaphezu kwengqondo yomlonji. Konke okwenzayo, uyazenzakalisa nje ngako. Kufuneke unengqondo kaKristu.

26 Isizathu sokuba abantu bajoyine imibutho, baze bamise ukubamba isandla endaweni yozalo olutsha, bazama ukulutsiba uzalo olutsha. Abalufuni uzalo olutsha. Kwaye ba—bayazi ukuba sifundisa iBhayibhile, ngoko ke bafuna ukumisa enye into kuloo ndawo! NabakwaMoya bonakele ngokunjalo, bazama ukumisela enye into! Bafuna ukuba ibe yeyodidi. Bafuna ukuba ibe yeyodidi olo hlobo, "Sizakubamba isandla sijoyine icawe, siphehlelelwe okanye sibhaptizwe," okanye enye into. Bayaloyika uzalo olutsha. Ngamanye amaxesha ndiye ndive ngathi uMnquba kaBranham uya uloyika!

27 Ngoku, siyazi sonke ukuba uzalo, andikhathali nokuba luphi na, okanye phi na, malunga phi na, luyimbutyulela. Ukuba usana luzalelwe phezu kwemfumba yamakhasi, phezu komgangatho olukhuni, okanye kwigumbi elipinki elihonjiswe kakuhle lesibhedlele, luyimbutyulela, nangoko. Ukuzalwa kwethole, ukuzalwa kwayo nantoni na eyenye, kuyimbutyulela.

28 Nozalo olutsha ke alusileli nganto ekubeni yimbutyulela! Kodwa abantu banenkani kakhulu, "Siza kuwela siye apho babamba khona izandla. Siza kuwela siye ngaphaya apho bangabhombolozi bakhale khona, bebetha isiguqo bekhala." Nifuna ukuba ngabantu kakhulu! Into esiyisweleyo luzalo, ukufa kuphele, ukuze luvelise uBomi!

29 Imbewu, itapile endala, imbewu yetapile, uthabatha la tapile uyifake emhlabeni. Ude ube neetapile ezintsha, laa tapile indala kufuneka ibolile. Ukhozo alunakuvelisa ubomi obutsha lude lube lubolile.

30 Kwaye indoda okanye umfazi abanakuze balufumane uzalo olutsha kude kube ukulumka kwabo nobuqu babo bubolile, bafa, bufe baphela esiguqweni, kukhalwa, ube

yimbutyulela nje, ude ufikelele kwindawo yokuba sonke isixhantana esi unaso siphele, ube uzelwe ngokutsha ngoMoya kaThixo. Andikhathali nokuba uyakhala, uthethe ngeelwini, uxhume unyuke usihla, ubhabhazele okwenkuku enqunyulwe intloko, uzakuvelisa uBomi obutsha! Kodwa ke samisa enye into endaweni yako, sifuna indlela yabodidi, ngokuqinisekileyo.

31 Ngenye imini, ngoLwesihlanu, inkosikazi kunye nam sasisiya evenkileni. Andizami kuziqhayisa ngale nto. Kodwa sathi sisehla ngesitrato, ndaba soloko ndiyiguqulela kweli cala neliya intloko yam, abafazi abahamba ze. Ndamthembisa uThixo ngokuya ndandiyimfama, ukuba ukuba Angawaphilisa amehlo am ndiya kujonga kwinto elungileyo. Kwaye ndigcine umnqamlezwana ujinga emotweni yam. Xa ndibona izinto ezinjalo ndijonga emnqamlezweni ndithi, "Owu Thixo, Nantsiya iNqaba yam," njengokuba ndijonge emnqamlezweni.

32 Ndababona abo bafazi. UMeda wathi, "Asikhange sibone nomnye umfazi namhlanje onxibe isikethi." Waze wathi, "Bill, khangela laa mfazi uphaya unala mityana ijikele emantla emzimbeni wakhe," wathi, "uthetha ukuba ufuna ukundixelela ukuba akazi ukuba ayilunganga laa nto laa mfazi?" Wathi, "Ukuba akayazi ukuba ayilunganga, ngoko uyakube uphulukene nengqondo yakhe epheleleyo."

33 Ndathi, "Umzuzu nje, sthandwa. UngumMelika, wenza njengokuba amaMelika esenza." Ndathi, "BendiseFinland kungekudala kakhulu, sthandwa."

34 Ndabuza ke apho kwindoda eyandihlalisa phantsi, uGqirha Manninen. Sasisiya kwindawo ke kwi—kwibhafu yempilo, ebizwa ngokuba yisauna, bayakuthabatha ke bakungenise bagalele amanzi ngaphezulu, mhlawumbi amanzi phezu kwamatye ashushu, ize ke loo nto ikubilise. Baze ke emva koko bakwenze utsibele kumanzi omkhenkce, uze uphinde uphume ke. Baze bakuthathe bakufake egumbini, kukho abongikazi, abafazi bokulola amadoda (wona ke eze), babathumele equleni kwakhona. Andizange ndifune ukungena. Ndaze ndathi, "Gqirha uMannimen, ayilunganga le nto."

35 Waze wathi, "Kulungile ngoko, Mfundisi uBranham, okuya akulunganga. Ngoko uthini ngoogqirha benu baseMelika abamkhululisa umfazi eme ze bamngqengqise phezu kwetafile, baxilonge onke amalungu obuni anawo? Uthini ngabongikazi benu ezibhedlele?"

36 Ndathi, "Uxolo, Mzalwana uManninen, uManninen, unyanisile."

37 Yintoni na? Ngamasiko. Ngokuya ndandiseParis, andizange ndibe nakuyikholelwa ngokupheleleyo, ukuba izindlu zangasese zokuchitha amanzi abo bobabini amadoda nabafazi zazinye. Andizange ndibe nakuyiqonda, ukuba

izindlu zokuphumla zazisecaleni kwendlela izezabo bobabini amadoda nabasetyhini. Andizange ndibe nakuyiqonda into yokuba xa abafazi besiya elwandle ukuya kuqubha, umfana nesithandwa sakhe, abanazindlu zokunxibela, basuka bazithabathe zonke iimpahla zabo ukuya kuma kwisinxibo sokugqibela, baze bajike nje beze ngomva bafake nje umtyana bayokuqubha, kodwa kunjalo. Abayinaki loo nto. Lisiko laseFrance.

38 E-Afrika, abafazi namadoda, abatsha nabadala, benganxibanga zimpahla konke, bahamba benqumla amathafa. Bengazange bayazi ukuba iyintoni na indlu yokuphumla, okanye izinto ezinjalo, okanye bengazange bahlukana omnye asithele komnye. Kodwa ke abawazi umahluko. Abawazi umahluko. Koko ngamasiko ezizwe.

39 Kodwa ndathi, "Sthandwa, sahlukile thina, sivela kwesinye iSizwe. Singabahambi nabasemzini apha, yiyo into ebanga ukuba ezi zinto zikhangeleke zingalunganga oluhlobo. Kuba iBhayibhile yathi, "Abo ke babanga ukuba banjalo, bebanga, babonisa ukuba bangabahambi nabasemzini, bazingela isixeko esiza kuza."

40 Indoda okanye umfazi e-Itali, eFrance, e-Afrika, kuso nasiphi na isizwe, okhe wazalwa ngokutsha ngoMoya oyiNgcwele, akazenzi ezo zinto. Abanakuzinxiba ezo mpahla. Abasayi kwenza ngolohlobo, ngokuba bangebesinye iSizwe esiMakhi waSo noMlawuli waSo noMenzi waso unguThixo. Sivela eZulwini. Umoya ongaphakathi kwakho, nguwo oqhuba ubomi bakho. Ukuba unguMelika, uyakwenza njengokuba amaMelika esenza. Ukuba ungum-French, uyakwenza njengokuba ama-French esenza, uze umgxeke omnye. Kodwa ukuba ungowakwaThixo, uyakwenza njengokuba besenza eZulwini, ngokuba uMoya wakho uvela ngaseNtla kwaye Uyakulawula.

41 Kukho kukhe kwakho intwanana onokukhe ujonge kuyo. ESibhalweni aba babefuna esi siXeko sitsha, babesenza ngokwahlukileyo. Bavuma ukuba babengababahambi nabasemzini. Kodwa kwicala lakwaKayin, baba ngababhaduli neendlavini. Kodwa aMakristu ayengabahambi nabasemzini. Umbhaduli akanakhaya, indlavini ngumntu ombi. Kodwa umhambi uyinto yokwenene, kwaye usuka kwilizwe lokwenene kwesinye iSizwe, ezama ukufumana indlela eya eKhaya, evuma ngokuphila kwakhe ukuba unento anayo yokuba ungowelinye iLizwe. Naso ke isizathu.

42 Kodwa nangoko abo bantu benza njalo, abo banxiba ezo zinto, mandinixelele. EMzantsi Afrika, apho ndabona khona amawaka angamashumi amathathu abahedeni abakrwada, eze, abantu belozwe abambatha ingubo. Amantombazana aneshumi elinesithandathu-ishumi elinesibhozo, namashumi

amabini eminyaka ubudala, amakhwenkwe engenaso nesiziba esinye sempahla, emi apho enodaka ebusweni bawo, eziqabile, amathambo egqojozelwe ezimpumlweni zawo, kujinga izigodo zemithi ezindlebeni zabo, banqamlezise amathambo omntu okanye amathambo athile ezinweleni zabo, amazinyo ezilwanyana ejinga phezu kwabo, beze kanye njengokuba bezayo ehlabathini, baye bengazazi. Kodwa bathi bakwamkela uKristu, bawa ngobuso babo bamkela uMoya oyiNgcwele, baphakama basonga iingalo zabo ukugubungela ihlazo ezifubeni zabo, ekumkeni kwabo baze bafuna impahla banxiba. Ngoba? Baqala ukuba ngabahambi nabasemzini kweli hlabathi. Haleluya! Babekude kulo. Ewe, mhlekazi.

43 Owu, ewe, aba bantu bazibiza ngokuba bangaMakristu. Bangamalungu eenkonzo. Bayemka bathi, "SingamaWisile. SingamaBhaptizi. SingabakwaMoya. SingamaSabatha. Si *yile, leya* kunye *nenye*." Loo nto ayinanto yakwenza konke naloo nto. Ngumoya wakho, ubomi obungaphakathi kwakho, bubo obuqhubayo buchaze into oyiyo. UYesu wathi, "Niyakubazi ngeziqhamo zabo."

44 Ibandla libe njengoSirayeli, kuqala. Babona zonke izizwe zabahedeni zinokumkani. YayinguThixo ukumkani wawo. Baze babona izizwe zabahedeni zinookumkani, ngoko bafuna ukwenza njengezizwe zabahedeni, baze bazithengela ukumkani. Bathi ke bakuyenza loo nto, bangena enkathazweni. Kancinane yaqalisa ukungena. Kancinane ihlabathi laqalisa ukungena ngaphakathi kubo. Ekugqibeleni kwaya kuphelela ku-Ahabhi. Omnye ukumkani waya esondela nje kancinane kuyo, esondela nje kancinane kuyo, yabe ekugqibeleni yabucudisa ubomi baphuma kubo. Bahamba njalo ke. Kwaze kwathi akufika uKumkani wokwenene, ababa nakuMazi.

45 Yiloo nto inye ke eyenziwe libandla. Liye labonela. Nako ke. Libonele ezombuso, neemfundo. Libonele ukuzenza umbutho, amaqumrhu, iicawe ezinkulu, abashumayeli abazigwagwisayo. Kuze ke kuthi akufika uKumkani wokwenene, babe bengaMazi, baze babethelele kwa laa Moya Oyingcwele unguKumkani wabo. AbaMazi, koko bayaMhleka bahlekise ngaYe. Njengokuba enzayo amaYuda kuMesiya wawo, nebandla limenza njalo noMesiya walo. Abayazi loo nto. Abanako ukubona ngaphambili komoya, ngokuba babambelele kangako kumehlo abo nakoko bakubonayo, izakhiwo ezikhulu, bezama ukukhuphisana nehlabathi. Asivuselelwa ekubeni—asivuselelwa ekubeni sikhuphisane nehlabathi. Sivuselelwe ekubeni sizithobe.

46 Kwaye, isinye sisininzi kuThixo. Kwaye namhlanje kubavangeli abaphilisayo abaphaya phandle entsimini, kukho okungakanani ukukhuphisana, abakhuphisani. Omnye uthi, "Hayi, makabongwe uThixo, ndinamawaka angaka.

Ndinenkonzo enkulu kunawe." Yenza wuphi umahluko loo nto? Sinaye emnye okanye isigidi, kwenza wuphi umahluko? Ingaba sinyanisekile kuThixo? Ingaba sinyanisekile eLizwini laKhe? Ingaba siyamelana nokuvavanywa phantsi koMoya Oyingcwele? Ingaba uyinyaniso? Nantso eyona nto ibalulekileyo.

47 Kodwa xa sisenzelelela ngeBhayibhile. Abaninzi bababantu bethu bakwaMoya, kwiMfundiso zomgaqo-siseko zeBhayibhile, bayenzelela. Bakhona . . . Andifuni kukhathaza mntu. Ndikwibandla elilelam, kwaye ndiziva—ndinako nje, kwibandla elilelam, ngokuba ndishumayela iVangeli. Kodwa kukho amashumi amawaka abashumayeli bakwaMoya abaziyo ukuba eBhayibhileni akukho nto injengobhaptizo egameni "loYise, Nyana, Moya Oyingcwele." Ndiyammema ubhishophu omkhulu, okanye nabani na, ukuba andiboNise apho kwakhe kwabhaptizwa nabani na egameni lo "Yise, Nyana, Moya Oyingcwele." Kodwa bayenzelelela ngenxa yokuba imibutho seyenze njalo. Akukho nomnye umntu kwiTestamente eNtsha, nakwiminyaka engamakhulu amathathu emva koko, ngokwezembali, koko babhaptizwa eGameni likaYesu Kristu. Yintoni na? Ngumbutho. Nguwo owenza loo nto. Ukwenzelelela!

48 Namhlanje ke babathathe bonke abasebenzi basezitratweni babasusa ezitratweni. Balususile ugwali i-tambourine bayikhupha enkonzweni. Baluthabathe balukhupha lonke uzuko enkonzweni bafaka intshumayelo yasezikolweni zelizwi, ukushumayela komqhagana wakudala, konke kulungiswe ngokwasekuhlaleni, abafazi babo banxiba iibhulukhwe ezimfutshane neelokhwe ezibabambayo, amadoda abe etshaya imidiza, edlala amaqashiso ngemali esenza iziqhulo ezingcolileyo. Lihlazo elo emehlweni kaThixo! Ndiyazi ukuba kurhabaxa oko, kodwa lithuba lokuba kubekho umntu onento ayithethayo. Kuyenzelelelwa, kuyekelelwe, kwenziwe ngokwehlabathi!

49 Andikhathali nokuba kufuneka ndime, ndedwa, kungekho mntu unam ngaphandle koThixo yedwa, Ndiyakushumayela iNyaniso yeBhayibhile kaThixo ndiYimele. Ukuba ndiyafa, ndisayakuyimela iNyaniso nangoko. Ngokuqinisekileyo. Sifuna iNyaniso. Andizukulinganisa nto ngebandla, koko ndifuna ukulinganisa ngeLizwi likaThixo.

50 Kodwa uDelila, niqaphele, wayesazi ukuba uSamson wayenamandla. Kwaye wayengazi ukuba ayesenini na amandla akhe. Wayengenakuwazi ukuba ayeyintoni na loo mandla, kodwa kwakukho amandla amakhulu awayenawo uSamson, kwaye wayefuna ukuwafumana. Waze, njengoko uDelila, wabasoloko emrhwebesha uSamson ngobuhle bakhe. Owu, wanxiba ngendlela ebonisa umzimba mpela. Wayehamba

phambi kwakhe encumeza njengokuba esenza amantombazana angoku, ne—nezinto ezinjalo efuna ukwenza nje njengenye into, unostrato, ezama ukurhwebeshela uSamson kuye.

51 Yiloo nto inye kanye ke ihlabathi eliyenzileyo kwibandla. Ngoku aphi aMandla enu amakhulu?

52 "Kulungile, ukuba siza kwenza umbutho, iyakuwaphula aMandla." Icawe yamaKatolika yayenza loo nto.

53 "Kodwa amaFilisti aphezu kwakho, Samson." Kwaza kwavela uLuther.

54 Baze baphinda benza umbutho kwakhona. "Ukuba nithe nandibopha ngenye intsontelo, iyakundibamba." Benza ngoloo hlobo.

55 "Kwakhona amaFilisti aphezu kwakho, Samson." Kwenzeka ntoni? UWesley wavela waziqhawula iintsontelo.

56 "Ngoku undiqhathile lonke eli xesha. Awazi ukuba ndiyakuthanda, Samson? Kulungile, ndixelele inyaniso esentliziyweni yakho."

"Kulungile, ndibopheni ngenye intsontelo."

57 "Kulungile, ngoku siza kuyenza loo nto." Yintoni leyo? Yintsontelo yobuhlelo.

58 "Ndiyekeni ndikhululeke, ukuze ndingabi nakuba nahlelo. Ngoko, ndiyanixelela, ndiyakuba mbuna." Kwaza kwathi gqi abakwaMoya. Aphi aMandla akho?

"AmaFilisti aphezu kwakho." waziqhawula kwakhona iintsontelo.

59 Kodwa ngoku kwenzeke ntoni? LinabakwaMoya, ooGqirha abakhulu bobuNgcwele abayakuba ngabefundisi babo, amadoda athule amakhulu. Banengako yona imfundo yasesikolweni nezithethe njengamaWisile okanye amaBhaptizi, okanye nabaphi na kwabangabanye abanawo. Yiya nje enkonzweni awunakuze uve no "amen," babanda kanye njengeqela lama Eskimo aphuma kwiNcam yaseNtla. Bayabanda! Abanankathalo! "Ngoku ke amaFilisti aphezu kwakho, Samson."

60 AmaFilisti aphezu kwakho, Melika. Buphi ubunye benu bomoya? Buphi ubunye bakwaMoya? Ama-Assemblies of God, nama-United, neBandla likaThixo, kunye na*le,* na*leya,* okanye *enye,* ngamnye kubo ene-ism eyahlukileyo, lo ena*leya* nalo ena*leya*. Sithe saa kangangokuba ungabinako ukuba ungangena esixekweni ukuya kubamba imvuselelo, ukuba ibandla elinye liyayixhasa, amanye kuwo akayi kuya nokuya. AmaKomanisi aphezu kwakho, Melika.

61 Aphi aMandla ethu? Luphi uzuko lwethu? Yintoni na? Ngenxa yokuba silandele ubulumko babantu endaweni

yaMandla kaThixo! Ngoba, abashumayeli bethu nokunjalo balukhuni benenkani, bade basenza umbutho sade sanenkani sanentambo ezilukhuni, bade abantu, awunakuze uve mkhwazo ebandleni kwakhona. Awunakuze uve mntu ulilayo. Isitulo sabalili sibekwe kwigumbi elingaphantsi. Akusekho luzuko konke ebandleni. Inye kuphela esinokuyenza kukuhlala nje silukhuni kangangokuba sinako. Asikhululekanga. Sibotshiwe. USathana, ngeedemoni zakhe zangoku, ulibophile iBandla likaThixo ophilileyo. Injalo loo nto. Akusekho Mandla ebandleni. Akusekho nkululeko. Abantu banenkani balukhuni! Ngoba, uThixo angangena phakathi kwabantu bakwaMoya, abonise ukuba unguThixo, abonakalise imiqondiso yakhe yoVuko lwakhe, ayibashukumisi nokubashukumisa. Uzuko! Ngoba, lihlazo! Ndihamba ndijikeleze eli lizwe, uThixo esebenza, esenza imiqondiso, abantu bahlale, baze, "Kulungile, ndiyaqonda ukuba yinyaniso leyo. Owu, ndiyayazi ukuba inokwenziwa." Ayibashukumisi nokubashukumisa! Ngoba? Babotshwe kunye noDelila, ihlabathi. Basematyathangeni.

62 Ngoku babafaka nase, bababophe babafaka kumanyano. "AmaFilisti aphezu kwakho, Samson." Uza kwenza ntoni ngaloo nto?

63 "Owu, sinamahlelo amakhulu." Ngokuqinisekileyo. "Sinamalungu amaninzi kunokuba sakha sanawo." Kodwa uphi wona uMoya? Uphi uMoya oyiNgcwele?

64 Nantso ke into ayenzileyo uSathana. Urhwebeshe wangena ebandleni. Uthe rhoqo erhwebesha ibandla, "Yizani kum, ndakuninika le tabanekile inkulu ilapha ukuba nje sinokwenza *oku*. Ukuba sinokuzahlula nalaa mshumayeli uyibaxayo ninaye, nifumane indoda, uGqirha wezakwaLizwi onengqondo, siyakunakhela isakhiwo esihle esikhulu sodidi size ke sifane nabo bonke abanye." Nizintloni! Kungcono nifumane indoda engawaziyo umva nomphambili, kodwa izaliswe nguMoya oyiNgcwele, engenzeleleliyo, ngaMandla kaThixo.

65 Kodwa sekufike, owu, ekubeni lukhuni, ngokokude usizana lomntu ongcwele agqobhozele athethe ngeelwimi enkonzweni, mhlawumbi akhwaze kancinane, okanye enze enye into, baze bonke bathi xhonkxosholo ecaleni kwakhe. "Ibiyintoni leyo? Kwalunga, ingaba kutheni? Inokuba ngumbaxi othile othi gqi evela ndaweni ithile." Niyazi ukuba yinyaniso leyo! Usizana lomntu ongcwele lungene, lonwabe kakhulu lude luphakamise izandla, lulile ludumise iNkosi, umntu othile oyakukhwaza u "amen" ekushunyayelweni kweVangeli, basuka baguquke bonke babone ukuba ebesithini na. NgabakwaMoya ke abo. Yintoni na? Nifuza amaWisile, nizifanisa namaBhaptizi, bafuze amaKatolika; amaKatolika afuze isihogo. Kwaye, iyonke loo nto, ifuza isihogo! Kunjalo.

66 UDelila unirhwebeshela kwiicawe ezinkulu, ezintle, abalungiseleli abafundileyo, ukuthatha udidi lwabangcono. “Ngoko, uyazi, *usibani-bani* apha ezantsi ngusozigidi, ukuba nje singenza ukuba eze kwelibandla lethu! Owu, bethu!” Ukuba akazalwanga ngokutsha, ngoko akafanelwe kukuba abelapho. Andikhathali nokuba unesigidi seedola. Ukuba uneeCadillac ezingamashumi amane, nokuba unantoni na unyanzelekile ukuba azalwe ngokutsha, ehle eze kanye kuzalo olutsha azalwe kwakhona ngoMoya oyiNgcwele, aphume apho ke ekuzalo olutsha, efinya (uxolo) elila ekhala, eqhubela phambili njengokuba nabanye besenza, aze aphile ubomi emva koko obubonisa ukuba unaLo. Amen. Nantso ke into oyisweleyo.

67 “Samson, amaFilisti aphezu kwakho.” AmaKomanisi aphezu kwakho. Ihlabathi liphezu kwakho. USathana uphezu kwakho.

68 Bayemka bebona uMoya kaThixo usenza imimangaliso usenza nezinto zovuko lwaKhe, laa nto yayithenjiswe nguYesu, bathi, “Uyazi, ndicinga ukuba uMzalwana uBranham unento eninzi yofundo lwengqondo. Umfundisi wam uthe nguSathana laa nto.”

69 Sizana ndini, lomhanahanisi, ongakholwayo okhohlisiweyo, wazilungisa, ngcuka ndini yambethe iingubo zegusha! UYesu wathi, “Ukuba benindazile Mna, ngeniwazile uMhla waM.” Kodwa nineqela likaSawule elizama ukunenza nibe njengokuba linjalo lonke ihlabathi.

70 Sifuna iqela lamadoda wakwaThixo angenzeleleliyo ngeLizwi, koko ashumayela iNyaniso aze eme kubhaptizo lukaMoya oyiNgcwele.

71 Kodwa lenze ntoni ihlabathi? Liwachebe lawasusa onke aMandla enu. Nanizelwe ningaBahlulwa, bantu bakwaMoya, koko ihlabathi liwachebile ngokuqinisekileyo aMandla enu. Ngoku ninenkani kanye njengokuba benjalo nabanye.

72 Nizakwenzani ke? Kuzakwenzeka ntoni? Inye kuphela into eqaqambileyo endinokucinga ngayo ukuphetha le tekisi.

73 Ngeli thuba wayebotshiwe uSamson! Asinakuba nayo imvuselelo. Yivani umzalwana wethu othembekileyo, uBilly Graham, “Imvuselelo ngomhla wethu!” Yivani u-Oral Roberts ekhwaza, “Imvuselelo ngomhla wethu.” Baveni bonke, “Imvuselelo ngomhla wethu!” Singanayo kanjani imvuselelo ngoku sibotshiweyo? Siwubophile uMoya oyiNgcwele, ngamahlelo ethu nezithethe zethu, kwaye asinakuba nayo imvuselelo kaMoya oyiNgcwele! Amen. Ndiyazi ukuba itshisa ngokushushu loo nto, ngenxa yemozulu, kodwa ke iyiNyaniso. Singanayo kanjani imvuselelo kaMoya oyiNgcwele ngoku nibotshwe oluhlobo ninenkani! “Ukumila kokuhlonela uThixo,” iBhayibhile yathi bayakuba no “Kumila kokuhlonela

uThixo, ukanti bayakuwakhanyela aMandla ako." Amandla antoni? Amandla ombutho? Amandla ehlabathi? Amandla ebandla? AMandla kaMoya oyiNgcwele! Nantso indawo efihlakeleyo ebandleni. Xa ke ibandla lithabatha abashumayeli abafundileyo, nezakhiwo ezikhulu nobuqheleqhele, endaweni yoMoya oyiNgcwele wakudala, kungcono ukuba bahlele e-mission kwakhona. Amen. Yinyaniso. Unganayo njani imvuselelo kaMoya oyiNgcwele, babe abantu beYicima beyibopha beYoyika? Nantso ke apho ikhoyo inkathazo.

74 "AmaFilisti aphezu kwakho." Kodwa linye ithemba elinozuko esinalo; ngethuba uSamson wayesesejele . . .

75 Yintoni into yokuqala abayenzayo bakumbamba? Bambopha, kuqala. Bawathabatha bawasusa amandla akhe, bayifumana imfihlelo yakhe. Bayifumene imfihlelo yenu. Ihlabathi liyifumene imfihlelo yenu. Ngoku nina bafazi ninqothula iinwele zenu, kuqhubeka ngokwehlabathi. Nina madoda niyaphuma nenze njengoko lenzayo ihlabathi. Nithi kulungile, nenza iziqhulo neziqhulo ezingcolileyo, niphume nitshaye imidiza ibe mbalwa nibaleke niphume nomfazi wommelwane, naye yonke enye into efana naleyo, ukusukela nje kancinane kwaphakathi kwabantu ukuze ningalahlekelwa ngumsebenzi wenu. Kungcono ukuba ndingqengqe ngesisu sam ndidle i-soda crakers ndisele amanzi omfula, ndize ndihlale ndicocekile phambi koThixo, kunokuba ndenzelelele ngenxa yalo naluphi na uhlobo lomsebenzi. Injalo loo nto. Yinyaniso. Hlala unyanisekile kuThixo.

76 "Samson, amaFilisti aphezu kwakho." Mnquba kaBranham, ubuhlabathi buyachwechwa buyangena phakathi kwenu. Nizakwenza ntoni ngabo? Ingaba niyivelisile imfihlelo yenu? Ingaba niyivelisile imfihlelo yenu awaninika yona uThixo ngokuya nanigqusha phantsi eluthulini kwiminyaka embalwa edlulileyo? Niyiyeke yanyebelezela nonqulo lwasekuhlaleni, olupholileyo? Kwenzeke ntoni kuni? UThixo angehla enze ummangaliso angene kanye phakathi kwesihlwele axelele abantu iimfihlelo zeentliziyo zabo, nayo yonke into, aphilise abagulayo nabaxhwalekileyo, enze imiqondiso nezimanga, kushunyayelwe iLizwi laKhe kakhulu kangangokuba kunokwenziwa, ngoMoya oyiNgcwele; baze abantu bathi; "Kulungile, ndiyaqonda ukuba yinyaniso leyo. Siyakuvuyela ukuyiphulaphula kube kanye ethubeni, ukuba asidinwanga kakhulu." NguMnquba kaBranham ke lowo. AmaFilisti aphezu kwakho.

77 Ngoku, kwakudla ngokuthi xa kushunyayelwa iLizwi, abangcwele bakudala beneenyembezi emehlweni abo, babeye baphakame beme ngenyawo bahambe, bentywizisa, mhlawumbi bengathethi, bejikeleza nje, kabini mhlawumbi kathathu, baze bahlale phantsi, bezaliswe kangako nguMoya

oyiNgcwele! ILizwi libondla! “Umntu akayikuphila ngasonka sodwa, koko ngawo onke aMazwi aphuma emlonyeni kaThixo.” AmaFilisti aphezu kwakho, Mnquba kaBranham.

AmaFilisti aphezu kwenu, maPentekoste.

78 Kakade, amaFilisti anifumene, ninonke, anifumana kudala ukuqala kwenu ukuzenza umbutho ngokuqine olu hlobo, akwabakho nto inokungena ngaphandle kokuba ibe ngumPresbhithari, umBhaptizi, umWisile, umKatolika, okanye enye into. Anizange nifune nokuva ngabanye aba.

79 Ngoko, imvuselelo ngomhla wethu? Singanayo njani xa umphi-mvuselelo wamaxa onke ebotshwe lihlabathi? UThixo akasayi kungena apho likhoyo ihlabathi, ungaxhomekeka nje ngokupheleleyo kuloo nto. Uzihlanganisa nje nehlabathi, ngoko ke yi—yiloo nto kuphela. Nithe nakuvumela ihlabathi linyebeleze lingene, naqala ukwenza njengehlabathi, ngoko ke kuphelile ngani. Kodwa ukuba niyakuthi niwaqhawule akhululeke onke amatyathanga aphuma ehlabathini, nize kuThixo, uThixo uyakunisebenzisa oko nide niphindele ekuziphatheni kakubi kwakhona.

80 Nali ithemba ekuphela kwendinalo ngale ntsasa, ukuhlanganisa lo Myalezo wam, kukuba, “Kwathi esakhonkxiwe uSamson, kwahluma isihlwitha esitsha seenwele.”

81 Thixo, sithumele elinye iBandla kanye apha phambi kokuphela kwexesha, ukuze aMandla kaMoya oyiNgcwele abe nokungena kulo, ngokubonakalalisa uMoya, ukuze uMarko 16alandelane neBandla. IZenzo 2:4, IZenzo 2:38, zonke ezo ziyakulandelana kanye neBandla. Imiqondiso nemimangaliso iyabakhapha abapostile. Imiqondiso emikhulu yovuko lwaKhe iyabakhapha. Ngelithuba lisesentolongweni, ngokuqinisekileyo uThixo ukhulisa isityalo ndaweni ithile, ukwenzela ukubulala okukhulu kokugqibela. Yanga inganguwe, sihlobo sam esinguMkristu esilapha kusasanje, kwanga kungathi kanti amandla akho aqalile ukukhula. Ndiyathandaza ukuba lo Myalezo kusasanje, nakude kuloo mazwe uyakuya kuwo, ndiyathemba ukuba lo Myalezo uyakunceda ukuzisa isakha mzimba emzimbeni wakho esiyakukhuliselela aMandla omoya ebomini bakho kwakhona.

Masithobise iintloko zethu sithandaze.

82 Owu Nkosi Thixo, Mdali waMazulu nehlabathi, Mbangi yoBomi obunguNaphakade, noMphi waso sonke isipho esilungileyo somoya, thabatha la mazwi kusasanje uwabeke entliziyweni, uwankcenkceshele, Nkosi. Banga abantu bangathandaza malunga nezi zinto, njengokuba kubonakala ukuba ihlabathi lilirhwebeshile ibandla laza ekugqibeleni lawafumana aMandla alo, layifumana indawo yalo eyimfihlelo, layifumana apho ikhona imfihlelo yalo, laza lalicheba.

Libathabathile abantu ababekade bekhwaza uloyiso, ababekade benoloyiso, labacheba baguda, labenza bahlala emakhaya ngokuhlwa kwangoLwesithathu ukuze babukele inkqubo kamabonwakude. Lwaluthabatha uvuyo lweentliziyo zabo, labanika ukuthanda ihlabathi ngaphezu kokuba bemthanda uThixo. Labanika ihlabathi, ukuthanda ihlabathi, ukunqwenela ngakumbi ukuzonwabisa ngokwehlabathi kunokuba nokushunyayelwa kweVangeli: Ukuba akukho qela likhulu labadlali-mculo nokubhabhazela okuninzi, nokudanduluka bebhabhazela, ngoko ke abasafuni laVangeli indala, kwakhona, leya izisa iinyembezi zovuyo emphefumlweni, leya ibuyisa impiliso eNgcwele kwakhona, ibuyisele izipho zobupostile ebandleni, leya ingenisa uKristu ovukileyo, uMesiya walo mhla.

83 Kodwa njengokuba uSirayeli wayebotshiwe ngo—ngokumkani bakhe, khon'ukuze bangamlandeli oyena Kumkani wenyaniso; waze uKumkani wenyaniso, wathi Akufika, abazange babe nakuMqonda. Kunjalo namhlanje, Owu Nkosi, uKumkani woZuko uvelile ekwimo kaMoya oyiNgcwele, kwaye, Nkosi, abayazi loo nto. Abayiqondi. Bazenze umbutho ngokuqine kangako, kangangokuba bangabi nakuyiqonda, ngokuba ayikho mbuthweni wabo. Nkosi, ngumsebenzi kaSathana lo wenze le nto ebantwini.

84 Wanga uSamson kaThixo, banga abanyanisekileyo ngeentliziyo, abo banqwenayo belila, becenga bebambelele, bangangahlala nayo, Nkosi, side esi sityalo sitsha sikhule sivele, kude kuvele uvuyo kwakhona eZiyoni, kuvele iqela elinokuqaphela liqonde, elinokumbona uMesiya naMandla afihliweyo kwihlabathi, abangasayi kuwaqonda ngoku. Siphe, Nkosi, ukuba babe nokukubona oku. Kuba sikucela eGameni likaYesu. Amen.

[Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.]
. . . mandla khona ngoku,
Owu Nkosi, thumela mandla ngoku
Ubhaptize wonk'umntu.

Babekwigumb'eliphezulu,
Babekumoy'omnye bonke,
Ukuhla kukaMoy'oNgcwele
Owathenjiswa yiNkosi yethu.

Owu Nkosi, thumel'aMandla khona ngoku,
Owu Nkosi, thumel'aMandla khona ngoku;
Owu Nkosi, thumel'aMandla khona ngoku
Ubhaptize wonk'umntu.

85 Indlela endiMthanda ngayo! Thumela nje aMandla waKhe! Babekwigumbi eliphezulu, bemoya mnye bonke. Lonke ihlabathi lalikhutshwe laphuma kubo. Babeqongqothiwe, waza wafika uMoya oyiNgcwele.

86 Namhlanje bathi, “Yiza, joyina inkonzo yethu, bhalisa igama lakho encwadini. Kungenjalo guqa phantsi uthi, ‘Ndiyamvuma uKristu njengoNyana kaThixo,’ phakama.” USathana wenza kwa loo nto naye. Ngokuqinisekileyo. USathana wabhaptizwa ekubhaptizweni kuka Juda. USathana waphuma waya kushumayela iVangeli ekuphumeni kukaJuda esiya kushumayela iVangeli. Kodwa uSathana akazange awufumane uMoya oyiNgcwele. Nantso ke. Nango apho akhoyo aMandla afihliweyo, olwa vuko, ukwazi ngethemba eliqinileyo, ngaphandle kwamathandabuzo. Amen.

87 Ulapha. Ikwangulaa Moya oyiNgcwele mnye, lowa wayephezu koMesiya, usephezu kweBandla laKhe. Akemki. “Ndiyakuba nani njalo, Ndibe kuni, kude kube sekupheleni kwehlabathi. Ndiyakubakho. Imisebenzi eNdiyenzayo, niyakuyenza nani yona. Nengaphezu kwale niyakuyenza, ngokuba Ndisiya kuBawo waM.”

88 Kodwa ihlabathi liyawaqukanisa, “Owu, yimihla eyadlulayo leyo!” Yile nto kanye afuna uyenze uSathana. Bafuna ukuba uhombise. UThixo ukufuna ubhaptizwe. UThixo uyakufuna . . . Uthi wena, “Owu, andikholelwa kuko konke okwa kubhabhazela.” Qhuba uhlale, qhuba uhlale njalo esonweni sakho, hlala esonweni sakho. Kodwa ungekaboli, ude ubole kwiimbono zakho, ude ubole kwesakho isimbo, uzalwe kwakhona ube uzelwe ngokutsha, obuya butsha uBomi buyakwahluka ngokupheleleyo kobuya buhlileyo.

89 Ukhozo lombona luhla luye phantsi lugwangqa, luphume luluhlaza. Luhla lulukhuni, luvalelwe phakathi, luphume lumvotyololo luvuthuzwa ngumoya. Owu, uzuko! Haleluya! Xa imimoya iqala ukuvuthuza, ukhozo alunakwenza nto yimbi ngaphandle kokuzishukumisa, lumke, kodwa esincinane—esincinane isithombo siyagoba sivuya, sikhule ngoko; sizomeleze. Alunakuze lube sisithombo lude lube lufile ukhozo lwabola. Alufanga nje; koko lubolile. Alunakuphinde lubuye kwakhona, kodwa ubomi buphuma kulo.

90 Njengokuba benditshilo emzuzwini odlulileyo, uzalo yinto eyoyikekayo, engcolileyo, emdaka, okona kungcola kokungcola, kodwa kulapho ubomi bukhona apho. Wakuzibalela ekuthini ungcolile, ubalele ubuWisile bakho, imfundiso yobuBhaptizi nobuPentekoste ukuba ingcolile, uze ufe phaya esiguqweni, ngoko ke kungena uBomi obutsha. UMoya oyiNgcwele ukwenze ngaphezu koko, umbone uThixo.

91 SiyakuMbona ngomnye umhla wozuko. Ngenye imini enganakufikelelwa lulwazi olunokonakala, siyakuMbona. Niyakholwa yiloo nto? Ngenye imini engenakufikelwa lulwazi olunokonakala, kukho ingomso lovuyo elindilindeleyo.

92 Bendime kanye apha ekoneni phezolo, ndacinga ukuba ndibona uRabi omncinane uLawson. Ngokuya wayekade

ethanda ukuba lapha ezantsi, aze asebenzise intonga endala yakhe yengcongolo anditsalele entanyeni yakhe, ayijikelise entanyeni yam intonga yakhe, endizisa apha epulpitini, acule elaa culo, "Ndilindelwe li . . ." [Yindawo engenanto le ekhasethini—Mhl.]

93 Kwabakho into eyenzekayo! Yalikhupha ihlabathi. Ndaqala ukuzibona ngokwahlukileyo izinto. Ndandihlupheka kakhulu yindlela abaqhuba ngayo aba bantu base Melika, njalo, unyaka nonyaka, ndibona abafazi namadoda indlela abazihlazisa ngayo bephuma besiya esonweni, ndade ndaphantse ukumelwa yingqondo, kabini mhlawumbi kathathu, ndihlutshwa yiloo nto. Izolo; ndithe kuThixo, "Andisayi kuhlupheka kwakhona. ILizwi laKho lathi kuyakubanje. Koko ndiyakuma phaya elunxwemeni lolwandle ndikhwaze ngokuchasene naloo nto, ngako konke okukum."

94 Ngenye imini ndandime phaya phezulu eGreen's Mill, umqolomba wam, phaya phakathi entlango, ndandithandaze imini yonke. Kwaze kwathi malunga nentsimbi yesithathu, ilanga lalitshona, ndandimi apho ke ndijonge ngaphaya, ndiphuma emqolombeni, ndiphezulu phezu kwelitye elikhulu. Ndandimi apho ke ndijonge ngaseMpuma, ndidumisa iNkosi. Ndandilibona nalo ilanga lihamba lisihla lingena ngaphaya kwemithi phaya phezu kwentaba, njengokuba ndandijonge ngaphaya komwonyo ngaphaya ukuya kwezinye, kukho uhlaza oluninzi phezu kwazo [foliage—Mguq.] izole kangangoko inokuba nako. Ndaze ndathi, "Nkosi, ngenye imini Wamfihla uMoses engxingweni eliweni Wadlula ngakuye, ngokuba wayediniwe. Kodwa Wadlula kufutshane, wathi ke 'kwakhangeleka ngokwendoda eze ngomva.'" Ndathi, "Ndifihle engxingweni, Nkosi." Malunga neloo xesha, ngaphaya ngasecaleni kum, kweza uMoya omncinane usihla uphumela ematyholweni. Weza wenyuka kanye, waza kutsho kanye ecaleni kwam, uMoya omncinane usihla, wehla waphumela ematyholweni. Ndema apho.

Ngenye imini, nguThixo kuphela owaziyo phi okanye nini,
Amavil'obomi bokonakala ayakuma onke ngxi,
Ngoko ndiyakuya kuhlala kwinduli yeZiyon.

Ngenye imini engenakufikelelelwa lulwazi olunokonala,
Ngenye imini, nguThixo kuphel'owaziyo phi nini,
(Kuyakwenzeka ntoni? Liyakube livala, onke la mavilana ajikelezayo)
Amavil'obomi bokonakala ayakuma onke ngxi,
Ngoko siyakuya kuhlala kwinduli yeZiyon.

Ndandela phantsi, nqwel'emnandi,
Uzel'kuNdithwalel'ekhaya;
Ndandela phantsi, nqwel'emnandi,
Uzel'kundithwalel'ekhaya.

Ukuba uqale wafika ngaphambi kwam,
Uzel'ukundithwalel'ekhaya;
Xelel'uMzalwan'uBosworth, nabahlobo bam bonke,
Uzel'ukundithwalel'ekhaya.

Ngoku ndandela phantsi . . . (iyakuhla ju ngenye imini indichole inyuke nam) . . . nguwe . . .
(Kuyakutsha wonke umthi; Iingelosi zikaThixo nenqwelo yomlilo) . . . ukundithwalel'ekhaya;
Ndandela phantsi, nqwel'emnandi,
Uzel'ukundithwalel'ekhaya.

95 Ngolunye lwezi ntsuku, ngolunye lwezi ntsuku kwindawo ezisezantsi zeyure yokufa kwam, ndikhangele kuye ukuba eze. Injalo loo nto.

Ndikhangele phesheya kweYordane ndabona ntoni
Ezel'ukundithwalel'ekhaya; (njengo-Eliya ejonge phesheya kweYordane)
Nebutho leeNgelos'ezikhanyayo liz'emva kwam,
Zazizel'ukundithwalel'ekhaya.

Ndandela phantsi, nqwel'emnandi,
Uzel' ukundithwalel'ekhaya;
Ndandela phantsi, nqwel'emnandi,
Uzel'ukundithwalel'ekhaya.

96 INkosi uYesu, uMqhubi onentsikelelo wale nqwelo, uMqhubi kwinqanawa endala yaseZiyon isikhephe soBomi, sisihla sinqumla esakhiweni, ethetha, uBukho baKhe bulapha. Kwa laa Moya uyiNgcwele waMvusa engcwabeni Ulapha.

97 Njengokuba bengakhuphanga makhadi akuthandazelwa, ingaba kukho umntu apha ovela ngaphandle kwale dolophu, endingamaziyo, olapha ezele ukuthandazelwa? Phakamisani izandla, endingamaziyo. Wena, wena apho. Ndiyakholwa ukuba laa mfo mncinane uphaya emva unodevu, kukho umntu othile ophakamise isandla kwela cala. Ewe, wena, ubusiphakamisile isandla? Kulungile. Apho emva, wena, mhlekazi. Kulungile. Andazani nani nonke? INkosi uYesu, isenguMalusi womhlambi omncinane olapha, niyakholwa ukuba izithembiso zaKhe ziyinyaniso? Uyalithambisa ibandla laKhe, ukuze "Imisebenzi eNdiyenzayo Mna, niyakuyenza nani. Nemikhulu kunale niyakuyenza, ngokuba NdiyakuBawo waM. Emininzi kunale!" Niyakholwa koko?

98 Ubusiphakamisile isandla wena ungandaziyo? Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela okusentliziyweni yakho, athethe nam njengokuba Wenzayo kulaa mfazi wachukumisa ingubo yaKhe? Uyakholwa ukuba unguMbingeleli oMkhulu onokuchukunyiswa kukuva izilwelwe zethu? Ukuba uThixo uyandityhilela iimeko zenu, uyakundikholelwa njengomprofethi waKhe, ukholwe ukuba uBukho baKhe bulapha nokuba yiyo loo nto Ayivumelayo loo nto? Uthandazelela inkosikazi yakho. Inosikrotyana owaphukileyo, usikrotyana ogungxukileyo. Kunjalo. Ukuba yinyani leyo, phakama. Kulungile, hamba uyokumfumana, ephilile. Amen.

99 Kunjani ngawe apho emva, la mfanana abephakamile, ebenodevu? Uyakholwa ngentliziyo yakho iphela? Uyakholwa ukuba uThixo angandixelela iintlupheko zakho? Uyakholwa ukuba unyana wakho uzakuphila? Uyakholwa? Unenkwenkwe, inokudumba kobuchopho. Injalo loo nto. Awu... YeyaseKentucky. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla sakho. Andikwazi, ndiyakwazi? Ukuba ndiyakwazi...Phakamisa isandla sakho ngolu*hlobo*, asazani. Injalo loo nto. Ukuthembela kuThixo. Uyakholwa? Njengoko ukholwa, yifumane ingoloo hlobo ukholwa ngalo. Beka nje entliziyweni yakho.

100 Ngubani lo ebephakamise isandla sakhe apha, bendinga—ndinga...Ibinguwe? Kulungile, mnumzana, uyandikholelwa ukuba ndingumprofethi kaThixo? [Indoda ithi; "Amen"—Mhl.] Uyakholwa, ngentliziyo yakho iphela? Akufuneki unyuke, yima nje kwalapho. Kulungile, mhlekazi, unesifo seswekile. ["Kunjalo"] Kwaye ukhathazwa lunyawo lwakho. ["Ewe"] Uvela e-Ohio. ["Ewe"] Igama lakho unguMnu. Miller. ["Kunjalo"] Goduka uphile. Kulungile, kholwa ngentliziyo yakho yonke. Kulungile.

Uyakholwa koko? Ukuba nje unokukholwa!

101 Eli nenekazi lihleli apha, ubuphakamise isandla? Eli nenekazi likhulu lifake iindondo, uyakholwa ngentliziyo yakho iphela? Uyakholwa koko? Uyakholwa ukuba ndisisicaka sikaThixo? Uyakholwa? Kulungile, ukuba uThixo uyakundixelela ukuba yintoni na ekuhluphayo, uyakukholwa? Yinkathazo yentliziyo. Kulungile, phakamisa isandla ukuba yinyaniso leyo. Kulungile.

102 Eli nenekazi lilapha ecaleni kwakho, phakama. Yintliziyo; kodwa eyona nto ngamehlo akho. Ndiyalazi, ukuba nje unokukholwa!

103 Phaya emva, laa ndoda ilandelayo phaya emva ehlutshwa yintliziyo, nayo, nasisifo sesikhumba. Uyakholwa ukuba uThixo uyakukuphilisa? Uyakholwa, mhlekazi?

104 Kukho indoda ephaya emva ndaweni ithile, ebiphakamise isandla ebinge...Mnu. Schubert. Kulungile, mhlekazi.

Kulungile, ingaba uyakholwa? Ngamehlo akho, nawe, ayingawo? Uthandazela umama wakho ohleli phaya, naye. Ukuba kunjalo, phakamisa isandla. Asazani. Akunjalo? Shukumisa isandla sakho, shukumisani izandla esinye siye ngakwesinye. Kulungile, kulungile. Ukuba unokukholwa, unokwamkela!

105 UYesu Kristu ovukileyo ulapha esakhiweni. Usekwa nguLowaa. Yenza ntoni loo Nto kuwe? Ingaba ulivumele ihlabathi liwafunxe onke amandla aphume kuwe? Uzuko! Ndifuna uzalo olutsha! Ndifuna uBomi obutsha! Andikhathali nokuba Kuza kweliphi na ithafa, ukuba kufanele ukuba ndibe ngumqengqeleki ongcwele, nantoni na. Andikhatheli nokuba Kuza kweliphi na ithafa, ndifuna uMoya oyiNgcwele wenyaniso njengokuba ephezu kwam ngoku. Ndifuna ukuWugcina! Ndikhetha ukuba ndibe naWo endaweni yazo zonke izint zehlabathi. Amen! Niyakholwa? Niyakholwa ukuba Ulapha?

106 Bekanani izandla, ke. Ndixelele into ibenye Asamelwe kukuyenza. Ayikho. Yibani nokholo ngoku. Kholwa nje ukuba iphelile.

107 Nkosi Thixo, Mdali waMazulu nomhlaba, Mbangi yoBomi obunguNaphakade, okwanguMphi wazo zonke izipho ezilungileyo, uMoya waKho ulapha uthambise kangako, Nkosi, kukhangeleka ngathi esi sakhiwo siyaphefumla, sishukuma sisiya emva naphambili. Kungani ukuba abantu bangaWuqondi, Nkosi? Ingaba ba—bazihlanganise nehlabathi kangako, baze babanda, bangumkhenkce baba nenkani, bade ababa naKukwazi kwakhona? Nkosi Thixo, anga la Mandla angehlela wonke ubani, aze wonke umntu ogulayo aphiliswe, wonke umoni asindiswe, ukuze uThixo afumane uzuko. NgoYesu Kristu, uNyana kaThixo, ndiyakucela. Amen.

108 Niyakholwa koko? Phakamisani izandla. Niyayamkela impiliso yenu? UThixo anisikelele. Ngoku hambani niyokufumana kuyiloo ndlela nikholwa ngayo, kuyakuba njalo. Ndibona imibono isithi gqi phezu kwabanye. Kunjalo. Kufuneka ndibuye ngokuhlwanje.

109 Ukuba awukholwa ngoku, awunakuze ube sakholwa. Kunjalo. UYesu wakhe wayenza ngelinye ixesha, baze bathi, “Ungu. . . Siyazi ukuba xa ethe wafika uMesiya, uyakusixelela oku.” Yaze yathi, “Ndiyazi ke ukuba uMesiya uyakwenza loo nto. Kodwa ke unguBani Wena?”

Wathi, “NdinguYe.”

110 Yaze ke ngoko yabaleka yayakungena esixekweni yathi, “Yizani, nibone uMntu Owazi into endiyiyo nento endakha ndayenza. Ayingebi nguMesiya na lo?

111 Wathi, “Ezi zinto ziyakwenzeka kwakhona ngemihla yokugqibela. IBandla liyakube lishumayela iNyaniso, liyakube limi eLizwini. Liyakube lisenza iMithetho kaThixo. Aliyikuzixubanisa nehlabathi. Kwaye ngalo Ndiyakuhamba ndenze kwa ezi zinto.”

112 Kodwa Wathi, “Bayakuba ngabazithandayo, abaqhankqalazi, abathandi beziyolo kunokuba bathande uThixo, abakratshi, abanyelisi, benokumila kokuhlonela uThixo,” bengabakhonzi kakhulu, besiya ezinkonzweni. “Benokumila kokuhlonela uThixo, kodwa bewakhanyela aMandla ako. Kwabanjalo ke zikhwebule!”

113 Nina bantu, nokuba benindawoni na apha enkonzweni, nina Athe wanibiza khona ngoku, umbono umkile kum. Ukuba—ukuba ibiyinyaniso leyo, laa nto bendiyithetha, ndibe mna ndingayazi loo nto kuni, phakamisani izandla zenu, nokuba ibingubani na. Konke apha ebandleni, konke—ndawo zonke. Kulungile. ’Yabona? Andibazi, andizange ndababona; kodwa uMoya oyiNgcwele ulapha kwaye Uyabazi. Aniboni ukuba asindim?

114 Phulaphulani! Ukuba Unokundibambisa loo nto, Unako ukundithemba ngeNyaniso yeLizwi, ngokuba iNyaniso inokuza kuphela ngeLizwi. Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu, ukuze nixolelwe izono, naye niyakusamkela isipho sikaMoya oyiNgcwele, kuba idinga likuni nakubantwana benu, nakwabo bakude, eyakuthi iNkosi uThixo wethu ibabize.” Niyakholwa? Kuzakubakho inkonzo yobhaptizo emzuzwini nje.

115 Masithobe iintloko zethu. Ndizakucela umlungiseleli athandaze ngoku basalungiselela ubhaptizo. Ndiyacinga ukuba kukho inkonzo yobhaptizo ezayo. Kulungile.

Ibandla Nemeko Yalo
(The Church And Its Condition)
Agasti 5, 1956

Limxinwa Isango
(Strait Is The Gate)
Matshi 1, 1959

Ibandla Elikhohlisiweyo, Lihlabathi
(A Deceived Church, By The World)
Juni 28, 1959

Le Miyalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham, yayishunyayelwe ngesiNgesi ekuqaleni kuMnquba kaBranham, eJeffersonville, e-Indiana, eMelika, yathatyathwa kushicilelo-mazwri lukazibuthe yaguqulelwa esiXhoseni yashicelelwa ngowe-1994 ngabe Voice Of God Recordings. Iphinde yashicilelwa ngowama 2006.

XHOSA

©1994 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.
www.branham.org